

Usapho Lobudlelane Babakhonzi



Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:

2 Kor. 2:14–16, Eks. 32:1–14, 1 Pet. 2:12, Filipu 2:15, Efese 2:19, Heb. 10:23–25.

Indima Yenkumbulo:

“[Ma]silubambe uvumo lwethu lwethemba, lungabi nakuxengaxenga; kuba uthembekile lowo wabeka ngedinga. Kanjalo masinyamekelane, ukuba silolane eluthandweni nasemisebenzini emihle” (*Hebhere 10:23, 24*).

Ekuzameni ukuzalisekisa ukuthunywwa kwethu kokuKristu, kufuneka singawajongeli phantsi amandla ebandla njengomzi oqulunqiweyo wamakholwa. Sele siyiqaphele imingeni esinokujongana nayo xa sizama ukusebenzana nenkohlakalo nobuhlwempu. Phofu ke, ngokusebenza namanye amakholwa kusapho lokholo, singaba yintsikelelo kwabo basingqongileyo. Isihendo sesokuba, xa sihlangani silibandla, sixakekiswa kukuligcina ibandla lethu liqhubeka, silibale ukuba ibandla likho ukuba likhonze ihlabathi alibeke kulo uThixo. Singumzimba olibandla kufuneka singakutyesheli ukubulaleka nobubi obukhoyo obusijikelezileyo. Ukuba uKristu akazange angakukhathaleli oko, nathi akufuneki singakukhathaleli. Kufuneka sithembeke kwesikuthunyiweyo, kwaye kunye nokushumayela oko, kuza nomsebenzi wokunceda abacinezalweyo, abalambileyo, abahamba ze, nabangenako ukuzinceda.

Sihlangene silusapho nombutho olibandla, singumzimba kaKristu (jonga u-1 Kor. 12:12–20). Ngenxa yoko, thina njengosapho kufuneka sihambe njengoko uYesu wahambayo, sibe zizandla, iinyawo, ilizwi, nentliziyo kaYesu ehlabathini namhlanje.

**Funda isifundo sale veiki ulungiselela iSabatha kaSeptemba 28.*

Abathunywa Botshintsho

Sibonile kwizahluko ezingaphambili zeZenzo indlela amakholwa angamaKristu okuqala emisela uhlobo olwahlukileyo losapho, ekhathalela abo babeneentswelo phakathi kwabo, baze bathi bekunye bafikelele kwabo bangaphandle kosapho, bebanika uncedo xa ludingeka, babameme ukuba bahlangane nabo koko uThixo wayekwenza phakathi kwabo. Esongeza kwinkcazo kaYesu yetyuwa nokukhanya, uPawulos usebenzisa imifanekiso ukuzoba ukusebenza kwebandla ehlabathini. Phakathi kweminye, uchaza abo baphila njengabantu bakaThixo bengumbingelelo (jonga umaRoma 12:1), umzimba kaKristu (jonga ku-1 Kor. 12:12–20), abameli (jonga ku-2 Kor. 5:18–20), nesiqholo sevumba elimnandi (bona u-2 Kor. 2:14–16). Umfanekiselo ngamnye kule uthetha ngendawo enokudlalwa ngabameli okanye abathunywa bobukumkani bukaThixo nangoku, naphakathi kwehlabathi elidlalulwa yimbambano enkulu.

Phinda nganye nganye ezi nkcazo “zingabameli” zingentla. Yeyiphi echana kakhulu apho uhlala khona, nesizathu soko.

Umfanekiselo ngamnye kule unomsebenzi ohambelana nawo, kungeyiyo indlela yokwamkeleka kuThixo kodwa njengabantu abasele bamkelekile ngombingelelo kaKristu, abasabela kuThando nobabalo lukaThixo ngokuba ngabathunywa kwihlabathi elisentlungwini nelifayo. Nayo phofu le mifanekiselo inako ukuqatshelwa nzulu kunoku: kuba uthando nobabalo lukaThixo luyeyona nto bungayo ubukumkani bukaThixo, xa sithi senze ngendlela ebonakalalisa uthando nobabalo lukaThixo kwabanye, siyabumisela saye sinenxaxheba kobo bukumkani bungunaphakade, kwangoku. Emthethweni womhlaba wonke, ummeli wesizwe uthatyathwa njengenxalenye yesizwe amele sona, nokuba ngesiqu usezweni lasemzini, mhlawumbi kude kakhulu kwelakubo ilizwe. Ngokufanayo, ukumisela iindlela zobukumkani bukaThixo kunika ulozi-lozi wobunyaniso obungunaphakade apha kwangoku, kuze ngenxa yoko, kwalathe ekoyisweni nasekukungcamleni oko koyiswa kobubi. Ngokwenza njalo-njengabameli bakaKristu, sinako ukubuxhamla ubunyaniso bothando nobulungisa baKhe ebomini bethu, ebandleni, nasebomini babo sizama ukubanceda.

Funda: 2 Korinte 2:16. Yintoni umahluko ophakathi kwamavumba eziqholo amabini, saye singazi njani ukuba sileliphithina?

Isisalela Esingumkhonzi

Inkcazo esemgangathweni yabantu abangamasalela abaxelwa sisiprofeto seBhayibhile ifunyanwa kwisiTyhilelo 12:17: abo “bayigcinayo imithetho kaThixo, abanobungqina bukaYesu Kristu” (jonga nakwisiTy. 14:12). Kwibali leBhayibhile, ezi mpawu ziphawula abantu bakaThixo kumanqanaba okugqibela embali yomhlaba. Kanti ke, kwasemabalini eBhayibhile, siyayifumana imizekelo yendlela isisalela esisebenza ngayo ngakumbi indlela abathi abantu basebenzele ngayo abanye.

Ngokwakulo mba, umzekelo kaMoses wawungowobukrofi. Funda uEksodus 32:1–14. Yintoni ekuthelekiswa yona phakathi kukaMoses nesisalela esichazwe kwisiTyhilelo 12:17?

Esemsindweni ngakubantu bakwaIsrayeli, uThixo wathembisa ukubatshabalalisa aze azisuse izithembiso awazinika uAbraham-zokuba inzala yakhe iya kuba luhlanga olukhulu, aze azinike uMoses nosapho lwakhe (jonga kuEks. 32:10). UMoses akazange ayifune loo nto. Endaweni yoko, uMoses wabanesibindi sokuphikisana noThixo, ecebisa ngokuthi, ukuba uYehova uthe wenza njengoko athembisa ukwenza, oko kuya kumenza akhangeleke kakubi (jonga kuEks. 32:11–13). Wada uMoses waqhubeka wazibeka emgceni (wokubulawa) ukunyanzelisa umcimbi wakhe noThixo. UMoses wayetsala nzima ukukhokela aba bantu ukucanda intlango. Babekhalaza, bekrokra, phantse lonke ixesha wayebakhokelela enkululekweni. Sekunjalo, uMoses wathi kuThixo, Ukuba akunako ukubaxolela, “wose undicima encwadini yakho oyibhalileyo” (Eks. 32:32). UMoses uxolela ukuncama unaphakade ukuze asindise abo wayeseluhambeni nabo. Umzekelo onamandla wokuthelelela okuzincamayo ngenxa yabo bangakufanelanga! Umfuziselo omkhulu kangako walo lonke icebo losindiso! “Ngexesha uMoses ethethelela uIsrayeli, ukunkwanya kwakhe kwanyamalala ngenxa yomdla nothando lwakhe kwabo awathi, ezandleni zikaThixo, wasisixhobo sokubenzela okukhulu kakhulu. UYehova wakuva ukucenga kwakhe, wakwenza okufunwa ngumthandazo wakhe ongasekelezanga okwakhe. UThixo wayemvavanyile umkhonzi waKhe; wakulinga ukunyaniseka kwakhe nothando lwakhe kwabo bantu bonayo bangenawo nombulelo, wathi ngesidima wakuthwala ukulingwa. Umdla wakhe kuIsrayeli wawungaphumi kwinjongo yokuzithandela. Impumelelo yabantu abanyuliweyo nguThixo yayithandeka kuye ngaphezu kokuphakanyiswa kwakhe, kuthandeka ngaphezu kwelungelo lokuba nguyise wohlanga olunamandla. UThixo waneliseke kukunyaniseka kwakhe, ukunganqabi kwentliziyo yakhe, kunye nesidima sakhe, waza wamnika, njengomalusi othembekileyo, umsebenzi omkhulu wokukhokelela ulsrayeli kwiLizwe leDinga.”—Ellen G. White, *Amanyange Nabaprofeti*, iph. 319.

Kusixelela ntoni oku ngendlela esimele ukuphatha ngayo, kangangoko kunokwenzeka, abo bonayo basijikelezileyo?

Ukufikelela Emiphefumlweni

Iingxoxo zebandla maxa wambi zithanda ukuzinza kwintswelo ebonakalayo yokukhetha phakathi kokuqwalasela kumsebenzi wasemphakathini okanye kowevangeli, mhlawumbi kwezomthetho okanye uvangelo. Kanti ke xa siwuqonda kakuhle umba ngamnye size siqwalasele ulungiselelo lukaYesu, umahluko uyasuka, size siqonde ukuba ukushumayela igospile nokusebenza ukunceda abanye zizinto ezihlangene kakhulu. Kwenye yeentetho ezaziwa kakhulu zikaEllen White, uyichaza ngolu hlobo le nto: “Indlela yokwenza kaKristu kuphela kwayo enokunika impumelelo eyiyo ekufikeleleni ebantwini. UMSindisi wayexubana nabantu njengonomnqweno wokulungelwa kwabo. Wayebonisa uvelwano kubo, elungiselela kwizidingo zabo waza wakuzuzisa ukuba bamthembe. Emva koko wababiza, wathi, ‘Ndilandeleni.’ . . . ‘Amahlwempu kufuneka encediwe, abagulayo bakhathalelwe, abaselusizini nabafelweyo bethuthuzelwe, abangenalwazi befundisiwe, abangenamava belulekiwe. Kufuneka silile nabo balilayo, sivuye nabo bavuyayo.’”— Ellen G. White, *The Ministry of Healing*, iph. 143. Njengoko sibonile, ezi zenzo zibini zobukumkani, ubulungisa novangelo, ziphinyelene kunye, kungekuphela kulungiselelo lukaYesu kodwa nakumyalelo kaYesu wokuqala kubafundi baKhe: “Ekuhambeni kwenu ke vakalisani, nisithi, Ubukumkani bamazulu busondele. Philisani imilwelwe, hlambululani abaneqhenqa, vusani abafileyo, khuphani iidemon; namkele ngesisa, yiphani ngesisa” (Mat. 10:7, 8). Ngokufutshane, enye yezona ndlela zizizo zokufikelela kwabanye ngesigidimi sethu kukulungiselela kwizidingo zabo.

Funda: 1 Petros 2:12 noFilipu 2:15. UPetros noPawulos bathini ngamandla okungqina kwemisebenzi emihle eyenziwa ngabantu bakaThixo?

Ngolwazi oluphangaleleyo iindaba ezilungileyo zikaThixo, uvangelo alunantsingiselo xa ingekho imfesane ngasebantwini. Iindima ezifana no-1 Yohane 3:16–18 noYakobi 2:16 zicinezela impikiswano ekushumayeleni igospile ingaphilwa. Kubuhle balo obukhulu, uvangelo-ukuzisa iindaba ezilungileyo zethemba, uhlangulo, inguquko, ukwenziwa ngokutsha, nothando lukaThixo oluwola konke-kukubonakalaliswa kobulungisa. Kokubini, uvangelo nokunqwenela ubulungisa kuphuma ekulwazini uthando lukaThixo ngakubantu abalahlekileyo, abaphukileyo nabasentlungwini-uthando olusoloko lukhula ezintliziyweni zethu phantsi kwempembelelo kaThixo ebomini bethu. Asikhethi esinye isenzo kunesinye; endaweni yoko, sisebenza noThixo ekusebenzeni nabantu, sihlangabezana neentswelo zabo zenene, isebenzisa zonke izixhobo uThixo asigcinise zona.

Singaqinisekisa njani, phofu, ukuba xa sisenzela abanye imisebenzi elungileyo, asikutyesheli nokushumayela iindaba ezilungileyo zosindiso?

Ubabalo Ngaphakathi Ebandleni

Ekqucaleni kwencwadi kaYobhi, uThixo walatha kuYobi nokuthembeka kwakhe kuYe njengesibonelo sokulunga kweendlela zikaThixo nokuphatha kwaKhe uluntu oluwileyo (jonga uYobhi 1:8). Kuyamangalisa ukuba uThixo avumele igama laKhe lixhomekeke kwindlela abantu baKhe ababuphila ngayo ubomi babo kulo mhlaba. Yena uPawulos walwandisa olu kholo uThixo analo kwabanye baba “ngcwele” baKhe ukuba luquke usapho lwebandla: “Injongo yaKhe kukuba, ngalo ibandla, ubulumko bukaThixo obuziintlobo ezininzi, baziswe koozilawuli noomagunya abakwezasamazulwini iindawo” (Efese 3:10, NIV).

Funda: Efese 2:19. Ucinga ukuba yintoni equkiweyo kwingcamango yokuchaza usapho lwebandla nje“ngabendlu” kaThixo? Le nkcazo ifanele ukulinika impembelelo ethini indlela elisebenza ngayo ibandla eliqulunqwe kakuhle?

Kukho ekuhlaleni okanye embuthweni, indlela loo mbutho ophatha ngayo amalungu ayo ibonakalisa amaxabiso asisiseko seqela elo. Njengabendlu kaThixo, umzimba kaKristu nentlangano kaMoya, ibandla linolona lubizo luphezulu emaliluphile liluzalisekise: “Kuba uThixo akangowesiphithiphithi, ngowoxolo; njengokuba kunjalo kuwo onke amabandla abantu beNkosi” (1 Kor. 14:33, NIV). Amaxabiso obulungisa, ubabalo, nothando-njengoko kubonakala ebulungiseni, elubabalweni, naseluthandweni lukaThixo-kufuneka ezo zinto zilawule konke okwenzekayo ngaphakathi ebandleni. Kususela kwibandla lasekuhlaleni kuse kwibandla lezwe jikelele, le mithetho-siseko kufuneka izikhokele iinkokeli zebandla kwindlela ezikhokela ngayo, ekwenzeni izigqibo, nokukhathalela abona bancinane kwaba” phakathi koluntu lwebandla. Kufuneka zikhokele kwindlela esixazulula ngayo iimbambano ezithi zibekho amaxesha ngamaxesha phakathi kwamalungu. Ukuba asikwazi ukuphatha abo baphakathi kwethu kakuhle nangesidima, singakwazi njani ukukwenza oko kwabanye?

Xa inkonzo iye yaqesha abantu, kufuneka ibe ngumqeshi onobubele, ibaxabise abantu ngaphambi kwayo nayiphi into eyenzayo, isebenze ngokuchaseneyo nempatho-mbi yamalungu. Amabandla kufuneka abe zindawo ezikhuselekileyo, apho onke amalungu ebandla esenza konke anako ukukwenza ukukhusela abangamakhoba alula. Ngoko ke, njengoko sibona kwibandla lokuqala, usapho lwamalungu ebandla kufuneka akulungele ngendlela eyodwa ukunika inkxaso “kusapho” lwebandla lwalo atsala nzima okanye anentswelo.

UYesu wakunika oku njengomthetho, esithi, akuyi kwanela nje ukuguqula abo bakholwayo, kodwa kuya kububonisa ubunyaniso bokholo lwabo kwabo babukeleyo: “Ndiniwisela umthetho omtsha, wokuba nithandane, njengoko ndinithandileyo nina, ukuze nani nithandane. Ngayo le nto baya kwazi bonke, ukuba ningabafundi bam, ukuba nithe nathandana” (Yohane 13:34, 35).

Ukukhuthazana Emsebenzini Olungileyo

Nokuba singade sibe neyona nkuthazo ilungileyo nezona njongo ziphucukileyo, sikholelwa ukuba singakwicala likaThixo nokulungileyo, kona ukusebenzela iNkosi kuyakwazi ukuba nzima kude kutyhafise. Usizi nentlungu kweli hlabathi lethu, zizinto ezikhoyo. Sesinye sezizathu esi esenza sikudinga ukuba yinxalenye yebandla. UYesu walubonisa olu hlobo lokuxhasana ekunye nabafundi baKhe. Wayengaqhelananga nokumthuma eyedwa umntu, kude kuthi ukuba kwenzekile oko, babuye bahlangane babelane ngamabali wabo bavuselelane emandleni nasekuqineni kwabo.

Funda: Hebhere 10:23–25. AmaHebhere 10:25 yeyona ndima yaziwa kakhulu kwezi, kanti ke, yintoni eziyongezayo ezi zimbini zingaphambili ekwenzeni ukuba siyiqonde kakuhle le ithandwa kakhulu? Zeziphi ezinye iindlela esingathi ngazo sikhuthazane “eluthandweni nasemisebenzini emihle”?

Phantse kuwo wonke umsebenzi, injongo, okanye iprojekthi, iqela labantu elisebenza kunye lingenza ngaphezulu kunabo bonke abantu xa elowo esebenza yedwa. Oku kuphinda ukusikhumbuza ngomfanekiso webandla njengomzimba kaKristu (jonga umaRoma 12:3–6), apho sonke sindawo ezahlukaneyo kodwa ezixhasanayo esinokuzidlala. Xa elowo nalowo ekwenza oko akwenzayo ngeyona ndlela iyiyiyo, kodwa akwenze ngendlela ekhuthaza intsebenziswano, ngokholo singathemba ukuba ubomi bethu nomsebenzi wethu uya kwenza umahluko osingisa kunaphakade. Nangona iziphumo zibalulekile xa sizama ukwenza okulungileyo-iziphumo zingabantu nobomi babo-maxa wambi kufuneka sithembe uThixo ngento eziya kuba yiyo iziphumo. Ngamanye amaxesha, xa sisebenzela ukuphungula ubuhlwempu, ukukhusela ekulula ukubalimaza, ukukhulula abacinezelweyo, nokuthethela abangenalizi, siya kuyibona incinane kakhulu inkqubela. Sekunjalo, sinalo ithemba lokuba senza umsebenzi onoloyiso olukhulu nolunqinisekileyo: “Ekwenzeni okulungileyo masingethi amandla; kuba sovuna ngexesha elililo, ukuba asityhafi. Njengoko singathi sibe nethuba, masisebenze okulungileyo kubo bonke, ngokukodwa ke kwabendlu yokholo” (Gal. 6:9, 10, jonga namaHeb. 13:16). Yiyo le nto sibizelwe ukuba ngokuphandle-sikhuthaze, sikhuthazane omnye nomnye. Ukuphila ngokuthembeka kuluvuyo nobunzima. UThixo wethu wobulungisa nentlangano yethu yobulungisa kulapho sineyona inkulu inkxaso nalapho sithi sibamemele khona abanye ukuba bahlangane nathi.

Ngubani omaziyo okanye onolwazi ngaye othe rhoqo esenza umsebenzi wokuphungula ukubulaleka kwabanye? Ungamkhuthaza njani loo mntu okanye iqela emsebenzini olungileyo owenziwayo?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, “Inqina Elithembekileyo,” amaph. 546–556, *IZenzo Zabapostile*; “Kindness the Key to Hearts,” pp. 81–86, in *Welfare Ministry*. “Umsebenzi abawenzayo abafundi, nathi sinako ukuwenza. Wonke umKristu umele ukuba abe ngumvangeli. Kuvelwano nemfesane, simele ukuba silungiselele kwabo banentswelo, sizame sinyaniseke singasekeleze nzuzo ukucutha izikhalo zembulaleko eluntwini. . . . “Kufuneka sondle abalambileyo, sambathise abaze, sithuthuzele abasentlungwini nabangcungcuthekiswayo. Sifanele ukuvuselela abaphelelwa lithemba, nokunika ithemba abo bangenalo “Uthando lukaKristu, olwabonakalaliswa kumsebenzi owawungajonge okwaKhe, luya kuba nempumelelo enkulu ekuguquleni umenzi wobubi kunekrele okanye inkundla yamatyala. . . . Amaxesha amaninzi, intliziyo eqaqadekayo phantsi kokungxoliswa iyanyibilika phantsi kothando lukaKristu.”—Ellen G. White, *The Ministry of Healing*, amphepha 104, 106. “Ubukhoboka, ucalucalulo, intiyo yobuhlanga ekhohlakeleyo, ukutyeshelwa kwabangenanto, - konke oku kuchazwa njengokuthiyekileyo nokuyinyhashayo intlalakahle yoluntu, nobubi elithe ibandla likaKristu lanyulelwa ukuba libulwe liboyise.”—General Conference president A. G. Daniells, ethetha ngomsebenzi kaEllen G. White emngcwabeni wakhe, *Life Sketches of Ellen G. White*, p. 473.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Baninzi abantu, amaqela, nemibutho ezama ukucutha intswelo emhlabeni. Ngawaphi amandla, awodwa, iimbono, nezixhobo ezinokuza nebandla lamaSeventh-day Adventists kulo msebenzi?
2. Ingaba likho ixesha olikhumbulayo elathi ibandla laxhasa umphakathi apho uhlala khona? Ngokufunda kwakho kuloo mava, ungenza ntoni ukugqithisela loo nkuthazo kwabanye abantu?
3. Nangona kukho okwenziwa libandla ekuhlaleni, zeziphi ezinye izinto nina ngabanye eninokuzenza, ezinokuninceda ukuba “ningadinwa kukwenza okulungileyo”?
4. Zeziphi ezinye iiprojekthi zobulungisa nentlupheko nezinye izinto ezinokwenziwa enizaziyo ezixhaswayo ngoku libandla lamaSeventh-day Adventists emhlabeni wonke? Nina ningaxhasa njani kulo msebenzi webandla?

Isishwankathelo:

Kunjalo, njengamaKristu, sibizelwe ukuba silungiselele kwabo banentswelo, nabasentlungwini, ababulalekayo, nabacinezweyo. Kanti ke, nangona sineyethu imingeni kule ndawo, njengabantu abajonge ukunceda abanye, singaba nempumelelo enkulu xa sisebenza kunye njengosapho lwebandla.